UNzwaki noNdwe inja yakhe babesendleleni eya evenkileni.  UNzwaki wayekhwele ibhayisekile ngelixa uNdwe enkcunkca ecaleni kwakhe.  Bobabini babonwabele ukuba phandle bebuka indalo entle.






UNzwaki noNdwe babengabahlobo bokwenene. Babesoloko bekunye ndawo yonke, besenza yonke into kunye yonke imihla. UNzwaki wayemthanda uNdwe ngentliziyo yakhe yonke kwanaye uNdwe emthanda kakhulu uNzwaki.

Esi sibini sasikonwabela ukusoloko sikunye. UNzwaki wayemana ukuphakamisa iinyawo angayinyovi ibhayisekile ngelixa eyikhwele. UNdwe wayemana ukuxhumaxhuma apha ecaleni kwakhe. Kwathi kusemnandi ephakamise iinyawo uNzwaki suke zangcangcazela iimpondo zebhayisekile.

"Ow hayini! Ndiza kuyimisa njani le bhayisekile?" Watsho uNzwaki yabe iqengqeleka ibhayisekile ingabambeki.





Yagileka elityeni ibhayisekile wawa uNzwaki nayo yaya kuwela kude le kuye.  Wonzakala wanenxeba wopha edolweni. UNdwe waleqeka emva kwakhe ekhonkotha de waya kufika kule ndawo awele kuyo.  Wafika apho akayazi nokuba makathini.

Wayeza kumnceda njani umhlobo wakhe?

UNdwe wabona amakhwenkwe edlula ngendlela. Wakhonkotha ezama ukufumana ingqalelo yawo. Amakhwenkwe acinga ukuba uNdwe ufuna ukuwaluma abaleka. UNdwe wajikeleza uNzwaki ngelixa elele phantsi.





UNzwaki wayewele kwindlela yabahambi kufutshane nendlu ethile.  UNdwe wayengayekanga ukukhonkotha efuna uncedo. Indoda eyayihlala kuloo yandlu yava le ngxolo yakroba ngefestile. Yasuka ayahoya yavala ifestile yakubona inja engayaziyo isenza imfeketho nje yokukhonkotha into engayiboniyo.

Yho! Ngubani oza kusinceda? wayengathi utsho uNdwe ngelixa ekhonkotha.

UNdwe waqonda makasondele phambi komnyango wendlu.  Wakhonkotha ngakumbi esenza ingxolo enkulu engayeki. Indoda yaphuma phandle imangaliswe yile nja ikhonkotha into engapheliyo. Yema emnyango yabona uNzwaki engqengqe kwindlela yabahambi kanye phambi kwendlu yayo.  Yakhawuleza yaya kuye uNdwe sele ekhokela.





Indoda yakhawuleza yakhangela ukuba wenzakele phi uNzwaki.  Uye waqaphela inxeba elisedolweni wakhwaza uNkosikazi wakhe emcela ukuba aze nekiti yoncedo lokuqala. UNkosikazi waphuma ebaleka ephethe ibhokisi yezixhobo zoncedo lokuqala.  Wayephethe nesitya esinamanzi anesepha.

UNdwe wayelaqaza ejikeleza efuna ukubona ukuba bamenza ntoni uNzwaki. Indoda yathatha isitya esinamanzi yaqala yahlamba izandla. Yaqinisekisa ukuba uNzwaki uhleli kakuhle kwaye ukhululekile.





Yathatha ibhokisi yezixhobo yakhupha ilatshana elicocekileyo yalibeka enxebeni. Yacinezela inxeba kancinci ifuna liyeke ukopha.

Indoda yaqaphela ukuba uNzwaki akade ayeke ukopha yaze yathatha elinye ilaphu elingathi likhulu yalibeka enxebeni. Yaqhubeka noncedo lokuqala.  Ngoku yacinezela imithambo ngeminwe izama ukuba inxeba liyeke ukopha.





Yacela ukuphakamisa umlenze kaNzwaki ube phezulu ukuncedisa ukucotha kokuhamba kwegazi. Ngalo lonke ixesha esenza oku uqinisekisa ukuba uNzwaki ukhululekile.  Emva kwexesha ukopha kwanqamka.

Indoda yahlamba izandla yabeka uxinizelelo enxebeni yalicoca. Yalithambisa iyeza lokunqanda ukosuleleka nokunwenwa. Emva koko ikhuphe ibhandeji ebhokisini yalibopha. UNdwe wayengayekanga ukujikeleza efuna ukubona yonke into eyenziwayo.





Ngalo lonke eli xesha wayekwakhonkotha ngokungathi uyamsizela uNzwaki. UNzwaki wayemana encokola noNdwe emqinisekisa ukuba ukhuselekile.

Kwasekukho nabantu abangqungile befuna ukwazi babone kwenzeka ntoni.  Indoda yabacela bahambe ukuze uNzwaki afumane umoya. UNkosikazi waya kubeka ikiti yezixhobo nesitya phakathi endlwini. Wabuya wancedisa uNzwaki aphakame baya naye endlwini.





Ngeli xesha bengena endlwini indoda yabuza uNzwaki uhlala phi.  Yaphinda yacela inombolo yomnxeba wabazali bakhe. Kwathi kanti uNzwaki akahlali kude kule ndawo babekuyo. Indoda yawa emnxebeni yachazela uMama kaNzwaki ngokwehlileyo.

UNkosikazi, uNzwanki noNdwe bakhwela emotweni. Indoda yathatha ibhayisekile yayifaka ngasemva emotweni. Yahamba imoto basendleleni eya kuloNzwaki sele uNdwe ekrobe efestileni ehleli ecaleni komhlobo wakhe.





UMama noTata kaNzwaki babesele belinde ngaphandle. Yayingathi ayisade ifike imoto ezise uNzwaki noNdwe. Babenexhala befuna ukubona ubungakanani bomonzakalo kwintombi yabo.

Indoda noNkosikazi bafika kuloNzwaki Lehla ixhala kubazali bakubabona bengena. sele bebona ukuba libhandenji nje elincinci eli likuNzwaki kwaye lisedolweni.

UMama wanga intombi yakhe wayifunqula. UNdwe wayetsibatsiba ekhonkotha ebonisa eyakhe imincili.  Indoda yasala isothula ibhayisekile yayinika uTata kaNzwaki.

UNkosikazi wabalisa okwenzekileyo. Bavuuyiswa bencoma inceba yolu sapho nentlakanipho kaNdwe ngokutsalela ingqalelo kuNzwaki.



Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ulwazi Lwethu

ISBN: 978-1-77981-649-8